



Support beginner readers!

Between the ages of six and nine, most children learn to read for themselves. So, what can you do to help them develop as readers? Well, the most important thing you can do is to keep reading to them! Here are some ideas for doing that.

Baxhase abafundi abasaqalayo!

Phakathi kobudala beminyaka emithandathu nelithoba, abantwana abaninzi baziqhelanisa nokuzifundela ngokwabo. Ngoko ke, ungenza ntoni enokubancedisa ukuba baphuhle njengabafundi? Kaloku eyona nto ibalulekileyo onokuyenza kukuqhuba ngokubafundela! Nazi ezinye iimbono zokwenza oko.

WHICH BOOKS TO CHOOSE

- ♥ Let your children select books that appeal to them. Children very often find an author, a type of story or a series they like, and this might inspire them to read more books.
- ♥ As they start to read on their own, help your children choose books that are not too difficult so that they are able to have lots of successful reading experiences.
- ♥ Keep more difficult books for you to read to your children.



ZEZIPHI IINCWADI EZINOKUKHETHWA

- ♥ Abantwana bakho mabakhethe iincwadi abazithandayo. Kaninzi abantwana bafumana umbhali, uhlobo lwebali okanye uthotho abaluthandayo lwamabali, kanti oku kunokubakhuthaza ukuba bafunde iincwadi ezithe kratya.
- ♥ Njengokuba abantwana bakho beqalisa ukuzifundela bebodwa, bancedise bakhethe iincwadi ezingenakuba nzima kakhulu kubo ukuze bakwazi ukufumana amava okuzifundela ayimpumelelo.
- ♥ Zigcine iincwadi ezinzima ukuze ubafundele zona ngokwakho abantwana bakho.



Talk about stories

- ♥ Help your children make connections between the things they are reading about and real life. For example, if they are reading about school, link it to their own experience of school.
- ♥ Extend stories by asking your children to think about why characters behaved in certain ways and what your children might have done if they were in the same situation.

Thetha ngamabali

- ♥ Ncedisa abantwana bakho ukuba benze unxulumano phakathi kwezinto abafunda ngazo, kunye nobomi benene. Umzekelo, ukuba bafunda ngesikolo, oko makunxulunyaniswe namava abo ngesikolo.
- ♥ Yolula amabali ngokubuza abantwana bakho ukuba kutheni abalinganiswa bebeziphethe ngeendlela ezithile, nokuthi bona abantwana bakho bebenokwenza ntoni ukuba bebekwimeko efana naleyo.



More tips

- ★ Sing songs, say tongue twisters (such as: red lorry, yellow lorry) and read rhymes together to get children used to the different sounds in words. This helps them master the skills they need for their own reading and writing.
- ★ Create some opportunities for your children to read to you. For example, once a week take turns reading aloud to each other just before bedtime.
- ★ Read the stories your children ask for again and again, but also encourage them to read their favourite stories again themselves. This helps them to become more confident readers.
- ★ Remember that the most important thing is to make reading a relaxed, meaningful and satisfying experience.



We will be taking a break until the week of 29 July/3 August 2021. Join us then for more Nal'ibali reading magic!

Siza kukhe sithathe ikhefu kude kube yiveki yowama-29 KweyeKhala/3 KweyeThupha kowama-2021.

Uze usijoyine ngoko ukuze ufumane omnye omninzi ummangaliso wokufunda kaNal'ibali!

Ezinye iingcebiso

- ★ Culani iingoma, yitsho amagama adlalisa utwimi (afana nala: ndiqhel'ukucheb' ixheg' inkqayi) nandule ukufunda iivesi zabantwana kunye ukuze abantwana baziqhele izandi ezahlukahlukeneyo emagameni. Oku kubanceda ngokufumana izakhono zobuchule ababudingayo ukwenzela ukuba bazifundele futhi bazibhalele.
- ★ Dala amathuba athile okuba abantwana bakho bakufundele. Umzekelo, kanye ngeveki nikanani amathuba okufundelana ngokuvakalayo nje phambi kokuya kulala.
- ★ Funda amabali abantwana bakho abathanda ukuwacela ngokuwaphinda-phinda, kodwa ubakhuthaze ukuba bazifundele amabali abo abawathandayo kwakhona. Oku kubanceda ngokuthi babe ngabafundi abazithemba ngakumbi.
- ★ Khumbula ukuba eyona nto ibalulekileyo kukwenza ukuba ukufunda kube ngamava azolisayo, anentsingiselo nanelisayo.



Drive your
imagination



IT STARTS WITH
A STORY.
KONKE KUQALA
NGBALI.

Nal'ibali does it again!

For the past eight years, Nal'ibali has been celebrating World Read Aloud Day by calling on members of the public countrywide to read a story out loud to children in their home language. Every year since 2013, when we held our first World Read Aloud Day campaign, Nal'ibali has made it a goal to reach more children than the year before. Despite the challenges of running the campaign during the COVID-19 lockdown, with libraries, schools and learning centres being closed, we have once again been able to reach more children than before. Nal'ibali has set a new read-aloud record in South Africa after receiving pledges to read to **3 004 896** children on World Read Aloud Day 2021!

The pandemic affected the way in which Nal'ibali ran the campaign this year. Usually, we work with our partners to host read-aloud events at schools, community centres and libraries throughout the country. Because of the lockdown and social distancing regulations, we had to change the way in which we approached the campaign. Instead of huge events, we encouraged one-on-one or small group readings between caregivers and children at home.

"We were cautious about this new approach, but ultimately, it is the type of reading behaviour that we want to see," said Yandiswa Xhakaza, Nal'ibali CEO. "Parents are their children's first teachers and supporting a simple routine of reading by using our free literacy resources means they can nurture a lifelong habit of reading with their children."



Magriet Brink & Leo Daly

UNal'ibali uphindile kwakhona!

Kule minyaka isibhozo idlulileyo, UNal'ibali ubesoloko ebhiyozela uSuku loMhlaba lokuFunda ngokuVakalayo ngokumema abantu basekuhlaleni elizweni jikelele ukuba bafundele abantwana ibali ngolwimi lwabo lwasekhaya. Minyaka yonke ukusukela ngonyaka wama-2013, xa sasibambe iphulo lethu lokuqala loSuku loMhlaba lokuFunda ngokuVakalayo, uNal'ibali wayenza yayinjongo yakhe ukufikelela kubantwana abangaphezulu kwababefikelelwe ngonyaka odlulileyo. Nangona bekukho imiceli mingeni ekuqhubeni iphulo ngexesha lokuma ngxi kweentshukumo ngenxa yeKhowidi, namathala eencwadi, izikolo namaziko okufunda evaliwe, siphinde kwakhona sanako ukufikelela kubantwana abangaphezulu kunangaphambili. UNal'ibali unerekhodi elitsha lokufunda ngokuvakalayo eMzantsi Afrika emva kokufumana izibhambathiso zokufundela abantwana abazizigidi ezi-**3 004 896** ngoSuku loMhlaba lokuFunda ngokuVakalayo 2021!

Ubhubhani uyichaphazele indlela uNal'ibali aliqhube ngayo iphulo kulo nyaka. Ngokwesiqhelo, sisebenza namaqabane ethu ukubamba iziganeko zokufunda ngokuvakalayo ezikolweni, kumaziko asekuhlaleni nakumathala eencwadi jikelele elizweni. Ngenxa yokuma ngxi kweentshukumo nemithetho yokuqelana, kuye kwanyanzeleka ukuba siyitshintshe indlela esilivelela ngayo iphulo. Endaweni yeziganeko ezikhulu, sikhuthaze ukufundelana ngabanye ngabanye okanye ukufunda kumaqela amancinci phakathi kwabagcini babantwana nabantwana ekhaya.

"Sisebenze ngobulumko ngale ndlela intsha, kodwa ekugqibeleni iluhlobo lwesimo sokufunda esifuna ukulubona," utshilo uYandiswa Xhakaza, umLawuli owoNgameleyo wakwaNal'ibali. Abazali baziitshala zokuqala zabantwana babo yaye ukuxhasa isiqhelo esilula sokufunda ngokusebenzisa izixhobo zethu zasimhla zeliheresi kuthetha ukuba bangakwazi ukukhulisa isiqhelo sobomi sokufunda nabantwana babo."



The more children read, the more they learn to love to read!
Ngokuya abantwana befunda, kokukhona beya befunda ukuthanda ukufunda!



Small group readings enabled children and their caregivers to celebrate World Read Aloud Day in a safe environment.

Ukufunda bekumaqela amancinane kwenze ukuba abantwana nabagcini babo babhiyozele uSuku loMhlaba lokuFunda ngokuVakalayo bekwindawo ekhusekileyo.




Drive your imagination

In preparation for World Read Aloud Day we once again produced a special story. This year our story was, *Fly, Afrika, fly!*, written by Sihle Nontshokweni and illustrated by Magriet Brink and Leo Daly.

It featured the much-loved Nal'ibali characters, with Afrika taking the lead. The story was available in all 11 official languages and appeared in our World Read Aloud Day edition of the supplement, as well as on specially designed story cards (with activity ideas and tips on reading aloud) that were given away.

It has been very encouraging to see more people visiting our data-free website, www.nalibali.org, to download free children's stories or sending a WhatsApp with "stories" as the subject to **060 044 2254** and starting a reading routine with their children. By highlighting the importance of reading enjoyable stories to children in their home language every day, we hope to encourage all South Africans to help grow children's literacy, whether at home, at school or in the community.



Sihle Nontshokweni, the author of *Fly, Afrika, fly!*, our 2021 World Read Aloud Day story, advertises the campaign.

USihle Nontshokweni, umbhali ka*Phaphazela, Afrika, phaphazela!*, ibali lethu lowama-2021 loSuku loMhlaba lokuFunda ngokuVakalayo, ubhengeza iphulo.

Ukulungiselela uSuku loMhlaba lokuFunda ngokuVakalayo siye kwakhona savelisa ibali elikhethekileyo. Kulo nyaka ibali lethu lithi, *Phaphazela, Afrika, phaphazela!*, libhalwe nguSihle Nontshokweni yaza imizobo yenziwa nguMagriet Brink noLeo Daly.

Lisebenzise abalinganiswa abathandwa kakhulu bakaNal'ibali, uAfrika ekhokela. Iballi belifumaneka ngazo zoli-11 iilwimi ezigunyazisiveyo laze lavela kushicilelo lwethu loHlelo lukaNal'ibali loSuku loMhlaba lokuFunda ngokuVakalayo, nakumakhadi enziwe ngokukhethekileyo (ngeembono neengcebiso ngemisebenzi yokufunda ngokuvakalayo) ezazinikezelwa ngesisa.

Bekukhuthaza kakhulu ukubona abantu abongezelelekileyo betyelela iwebhusayithi yethu engasebenzisi datha, www.nalibali.org, befumana kwi-intanethi amabali abantwana asimahla okanye bethumela isihloko esithi "stories" ngoWhatsApp ku-**060 044 2254** baze baqalise isiqhelo sokufunda nabantwana babo. Ngokuqaqambisa ukubaluleka kokufundela abantwana amabali onwabisayo ngolwimi lwasekhaya yonke imihla, sihemba ukukhuthaza bonke abemi boMzantsi Afrika ukunceda ukukhulisa uncwadi lwabantwana, nokuba kusekhaya, esikolweni okanye ekuhlaleni.

Reading aloud is a fundamental building block of literacy. It is how we introduce books and reading to children and motivate them to learn to read and write for themselves. Reading is a basic foundational skill, which underpins all school learning, and is what we need to be focusing on right now if we want to help children catch up the schooltime they lost due to COVID-19 last year.

Yandiswa Xhakaza, Nal'ibali CEO

Ukufunda ngokuvakalayo kususiseko esingundoqo sokwakha ilitheresi. Yindlela esizisa ngayo iincwadi nokufunda ebantwaneni sibakhuthaze ukuba bazifundele kwaye bazibhalele ngokwabo. Ukufunda sisakhono esingundoqo, esixhasa konke ukufunda kwesikolo, yaye yile nto kufuneka sibe sigxile kuyo ngoku ukuba sifuna abantwana bethu babuyise ixesha elilahlekileyo ngenxa yeKhovidi kulo nyaka uphelileyo.

Yandiswa Xhakaza, uMlawuli owoNgameleyo kwaNal'ibali

We did it ...
Thank you!
 Together, on World Read Aloud Day, we read to
3 004 896
 children across South Africa!

Sikwenzile oko ...
Enkosi!
 Sikunye, ngoSuku loMhlaba lokuFunda ngoku Vakalayo, sifundela abantwana abazizigidi ezi-
3 004 896
 kuMzantsi Afrika uphela!

Spread the love and tell us your African stories

Nal'ibali is looking for short, original children's stories in all 11 official SA languages to publish in print and on air. Help us keep spreading the joy of reading far and wide. Send your story today in a Word document to stories@nalibali.org

For story guidelines see www.nalibali.org/story-resources/your-stories

Yandisa uthando ngokusibalisele amabali akho aseAfrika

UNal'ibali ukhangelela amabali amafutshane angawabantwana ngemveli, ngeelwimi zonke ezili-11 ezisesikweni eMzantsi Afrika ukuze apapashwe ngokuwabhalala nangokuwafunda kusasazo. Khawusincede ngokusoloko sisandisa ulonwabo lokufunda kangangoko. Thumela ibali lakho namhlanje ulibhale kwi-Word document ku-stories@nalibali.org

Ngezikhokelo jonga ku-www.nalibali.org/story-resources/your-stories



Get the most out of the Na'ibali Supplement

Here are some ideas for using the Na'ibali Supplement – again and again!



Fumana kangangoko kuHlelo lukaNa'ibali

Nazi ezinye iibono eziqhubela phambili ukusetyenziswa koHlelo lukaNa'ibali – amaxa ngamaxa!

1 Make story resources. Take the pages for the cut-out-and-keep books (pages 5–12) out of the supplement. On your own or with the children make these into books for the children to use. Use the longer Story Corner stories (pages 14 and 15) to create story cards by pasting them onto cardboard and covering them with cling wrap.

1 Yenza oovimba bamabali. Khupha amaphepha enza iincwadana onokuzisika-ze-uzigcine (kwiphepha lesi-5 ukuya kwele-12) eziphuma kuhlelo. Wena ngokwakho uwedwa okanye ukunye nabantwana yenzani iincwadi ngawo ukuze zisetyenziswe ngabantwana. Sebenzisa amabali amadana eNdawo yamaBali (akwiphepha le-14 nele-15) ukuze ngawo kuyilwe amakhadi amabali ngokuwancamathelisa kwikhadibhodi aze agqunywe okanye akhavarishwe ngesisongelo seplastikhi enamathelayo.

2 Read aloud. Use the cut-out-and-keep books as stories to read aloud to your children. Let the children follow along in their own copies as you read to them. For older children, you can do this with the Story Corner stories too.




2 Funda ngokuvakalayo. Sebenzisa iincwadi ozisike-waza-wazigcina njengamabali okufundela abantwana ngokuvakalayo. Abantwana mabalandele kwezabo iikopi njengoko ubafundela. Kubantwana abadadlana, ungakwenza oku nangamabali afumaneka kwiNdawo yamaBali.


3 Read in two languages. Have fun learning to read in two languages. First read the cut-out-and-keep books in your most familiar language and then in the other language.

3 Funda ngeelwimi ezimbini. Yonwabela ukufunda ukulesa ngeelwimi ezimbini. Qala ufunde iincwadi ozisike-waza-wazigcina ngolona lwimi uluqhelileyo uze ufunde ngolunye ulwimi.

4 Tell a story. Familiarise yourself with the Story Corner stories and then tell them to your children.



4 Balisa ibali. Ziqhelanise namabali eNdawo yamaBali, uze uwabalisele abantwana bakho.



5 Do activities. Use some of the "Get story active!" ideas that appear in the Na'ibali Supplement to help your children understand and think more deeply about stories.

5 Yenza imisebenzi. Sebenzisa ezinye zeengcebiso zecandelo elithi "Yenza ibali linike umdla!" ezivela kuHlelo lukaNa'ibali ukunceda abantwana bakho baqonde baze bacinge nzulu ngakumbi ngamabali.





6 Share the news. Look out for the Na'ibali News, Na'ibali Bookshelf and Celebrate features in different editions of the supplement. Cut out these features and display them in places where parents, children and staff can find out more about reading for enjoyment.

6 Yabelana nabanye ngeendaba. Khangela iNdaba zikaNa'ibali, Ishelufa yeencwadi yakwaNa'ibali namanqaku okuBhiyozelwa kushicilelo olungafaniyo lohlelo. Wasike la manqaku uze uwabeke apho abazali, abantwana nabasebenzi banokufumanisa ngakumbi ngokufundela ukuzonwabisa.




Create TWO cut-out-and-keep books

1. Take out pages 5 to 12 of this supplement.
2. The sheet with pages 5, 6, 11 and 12 on it makes up one book. The sheet with pages 7, 8, 9 and 10 on it makes up the other book.
3. Use each of the sheets to make a book. Follow the instructions below to make each book.
 - a) Fold the sheet in half along the black dotted line.
 - b) Fold it in half again along the green dotted line.
 - c) Cut along the red dotted lines.



Zenzele iincwadana EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine

1. Khupha iphepha lesi-5 ukuya kwele-12 kolu hlelo.
2. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwelesi-5, elesi-6, ele-11 nele-12 lwenza incwadi yokuqala. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwelesi-7, elesi-8, ele-9 nele-10 lwenza eyesibini incwadi.
3. Sebenzisa uxwebhu ngalunye kula mabini ukwenza incwadana. Landela imiyalelo engezantsi ukwenza incwadi nganye.
 - a) Songa uxwebhu phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
 - b) Phinda ulusonge phakathi kwakhona ulandela umgca wamachaphaza aluhlaza.
 - c) Sika ke ngoku ulandela imigca yamachaphaza abomvu.



Drive your imagination

“Get that juggling cat,” shouted the one Brother Sly pointing at Theo. “And that pig.”

“The pig – what for?” shouted the other brother.

“Breakfast, of course.”

“Bamba laa kati ijula-iganga izinto,” wakhwaza omnye weBrothers Sly esolatha kuTheo.

“Kwakunye nalaa hagu.”

“Nehagu – siza kuyenza ntoni ihagu?” wakhwaza omnye umntakwabo.

“Yevesidlo sakusasa, tyhini!”



Kanye ngelo xesha, uTheo watyibilika. Umkenkce waqalisa ukunyibilika etroli, waza wawela phantsi kwalandela iintlanzi. UTheo wathi ngaku intlanzi yanqe, kodwa ezinye zatyibilika esiphelweni setroli zaqengqeleka. Wathi ngaku enye intlanzi kunye nenye, wazijula eziganaga emoyeni.

Then, Theo slipped. The ice started to slide off the trolley and so did the fish. Theo grabbed one fish, but the rest began to flop over the edge. He grabbed another fish and another, flipping them up into the air.



Hop on board for a reading adventure ...



Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi




UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi



Drive your imagination

Theo and the circus act



UTheo nomboniso wesekisi

Wendy Hartmann

Joan Rankin

“OWU YINTONI NA LEI Ndiiza kuthini ke ngoku?” watsho uTheo. “Kufuneka ndilumkise wonke ubani.” Wazama ukutyhudisa kuloo nginginya, kodwa kwakungekho bani ushukumayo kuba imiboniso yayisele iqalile. Waphela esiya kuhlala ngasesitendini sentlanzi sikaPapa Prawu. Itroli yeentlanzi yayingaphandle ngoko ke uTheo wakhwela kuyo ukuze abone kakuhle. Wayebona intloko kaSheila kuphela njengoko wayeqalisa ukutsiba-tsiba nje ngexalenye yomboniso wakhe wemithambo.



“OH NO! What am I going to do?” said Theo. “I have to warm everyone.” He tried to squeeze through the crowd, but nobody moved because the acts had started. He ended up next to Papa Prawu’s fish shop. The fish trolley was outside so Theo climbed onto it to get a better view. He could just see Sheila’s head as she started to bounce as part of her act.

UTheo wadayiva, ezimele. USheila warhona waza wenza uphelekequ omangalisayo. Wazibhija-bhija egquququka waza wajolisa ngononophelo. Waza kuwa gxixidi! ngesithonga esikhulu phezu kweeBrothers Sly.



Theo dived for cover. Sheila snorted and did a magnificent somersault. She twisted and turned and aimed carefully. She landed with a heavy thump, right on top of the Brothers Sly.

Theo lived right next to the library. The other cats in town lived together at Cat Cottage, but not Theo. He lived with his mother and his brother and sister. Theo loved living there. He loved reading and he loved asking questions.

One day Theo asked his mother where the stars went in the day, why the sea looked blue and if sharks slept at night. His mother sighed and pointed. “There’s the library. Off you go and look in a book.”

UTheo wayehlala kanye ecaleni kwethala leencwadi. Ezinye iikati kuloo dolophu zazihlala kunye eKhothejini yeeKati, ngaphandle kukaTheo. Wayehlala nomama wakhe nobhuti wakhe kwakunye nosisi wakhe. UTheo wayeyithanda kakhulu indawo ahlala kuyo. Wayekuthanda ukufunda kwakunye nokubuzisa imibuzo.

Ngenye imini uTheo wabuza umama wakhe ukuba ziya phi na iinkwenkwezi emini, kutheni ulwandle luzuba nje ngokombala kwaye ingaba ookrebe bayalala ebusuku kusini na. Umama wakhe wayesuka atsho isingqala, olathe. “Naliya ithala leencwadi. Hamba uye kukhangela iimpindulo encwadini.”



“Back to the library,” Theo said. “I have something very important to do.”

And Theo went back to the library to search the shelves. He wanted to find out everything there was to know about ... *WHO KNOWS WHERE.*

“Ndibuyela kwithala leencwadi,” watsho uTheo. “Kukho into ebaluleke kakhulu ekufuneka ndiyenzile.”

Ngokwenene uTheo wabuyela kwithala leencwadi waza wakhangelela kwiishelufa. Wayefuna ukufumana konke anakho ukukufumana malunga no ... *NGUBANI OWAZIYO UKUBA PHI?*



Will I ever find my shoes?
Ingaba ndakuzé ndizifumane
izihlangu zam?



Lots more free books at bookdash.org



Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi



Drive your imagination




Ndizibonile na
izihlangu zakho?
Hayi, mna khange
ndibone zihlangu.

Seen your shoes?
No, not me.

Shongololo's shoes Izihlangu zikaShongololo

Megan Lötter
Jacqui L'Ange
Marteli Kleyn





Izihangu? Zingaphi?
Hamba uye kubuza
kukholwase.

Shoes? How many?
Go ask Flamingo.



Where are all my shoes? I know I left
them here!


Ziphi na izihlangu zam zonke?
Ndiqinisekile bendizishiye apha!



Izihangu, utsho?
Kufuneka ubuze
iinkawu.

Shoes, eh? You
should ask the
monkeys.





I'm in a hurry. Go ask Frog.
 Ndingxamile. Hamba uye
 kubuza kuSele.



We're busy. Go ask Owl. She
 knows everything!
 Sixakekile thina. Hamba uye
 kubuza kuSikhova. Wazi yanke
 into yendi!

Hello, hello!
 Molweni, molweni!



Akukho zihlangu apha. Hamba uye kubuza kuNdlulamthi.



No shoes here. Go ask Giraffe.

I haven't seen your shoes. Go ask Snail.



Andikhange ndizibone izihlangu zakho. Hamba uye kubuza kuNkumba.

Mhh. Ndincedebo. Kutheni ungabuzi kuNgonyama nje?




Hmm. I have an idea. Why don't you ask Lion?

These are yours? I'll give them all back if you come to my party!

Zesakho ezi zihlangu? Ndiza kukunika zonke ukuba nje ungenza kwitheko lam!





IIBROTHERS SLY
IZILWANYANA ZASESEKHASINI
EZITHUNYELWA KULO LONKE
Ziyafikeleleka! Sisisuloi

“Yimigulukudu yootsotsi le,” kwakhwaza uTheo. “Jongani laa powusta.” Iintloko zajika zonke. Kwathi cwaka. Wonke ubani wayifunda ngokuvakalayo ipowusta.

THE BROTHERS SLY
PERFORMING PETS
EXPORTED EVERYWHERE
Cheap! Sale!

“They’re crooks,” shouted Theo. “Look at the poster.” Heads turned. There was hush. Everyone read the poster out loud:

“Then that means we’re all safe,” said someone else.
“I’m going home,” said Sheila, “to practice my bouncing.”
“And we are going home to celebrate,” said the cats. So each and every cat turned to go back to Cat Cottage. Each and every cat that is, except Theo.
“Where are *you* going?” they asked him.
“Loo nto ke ithetha ukuba sikhuselekile,” kutsho omnye.
“Ndiyagoduka,” watsho uSheila, “ndiya kuziqhelisa ukwenza imithambo yam yokutsiba-tsiba.”
“Nathi siyagoduka, siza kubhiyoza,” zitshilo iikati. Ngoko ke ikati nganye yajika amabombo yagoduka yaya eKhothejini yeeKati. Nditsho zonke nje iikati, ngaphandle kukaTheo.
“Uyaphi ke wena?” zimbuze njalo.



Edolophini, iitalato iMain Street sasinyakazela. Kwakufike iintlobo ngeentlobo zezilwanyana zize kwenza imiboniso yazo emangalisayo: kwakukho izilwanyana ezikhulu, ezincinane, ezifutshane nezide, ezineentsiba nezindobya. UTheo wayengasemva engakwazi nokubona ukuba kwenzeka ntoni na eqongeni. Wajikeleza iveni yesekhasi. Njengokuba wayesenza oko nje, waphela ukuba ipowusta iyaxobuka kwellinye icala.
Ngaphantsi kwayo kwakukho enye ipowusta. Le ipowusta yayibhalwe into eyohlukile mpele ngeeBrothers Sly. Yayisithi baza kuthengisa izilwanyana.

In town, Main Street was crowded. All kinds of animals had arrived to perform tricks: big animals, small ones, short and tall, those with feathers and those with fur. Theo was stuck at the back and could not see what was going on. He moved around the circus van. As he did, he noticed the poster peeling off the side.
Underneath there was another poster. This one said something quite different about the Brothers Sly. It said that they were going to sell the animals.

Theo did not mind. He wandered through the library searching the shelves. On the wall, he saw a poster. Never had he seen anything like it before. There were pictures of animals doing all kinds of things. It said: “Circus acts needed! Speak to the Brothers Sly.”
“WOW!” he said. “I have to let the other cats know.”
He rushed out of the library and saw a van driving down the street. It had the same poster on the side. “That must be the circus van!” he thought.

Kwakungamhluphi uTheo oko. Wazula kwithala leencwadi ekhangela ezishelufini. Wabona ipowusta eludongeni. Wayengazange wayibona into efana nayo ngaphambili. Kwakukho imifanekiso yezilwanyana zisenza izinto ngezinto. Kwakubhaliwe kwathiwa: Kufunwa abadlali basesekhasini! Umntu makathethe neeBrothers Sly.”

“WAWU!” watsho uTheo. “Kufuneka ndazise ezinye iikati.”

Waphuma ngokukhawuleza kwithala leencwadi waza wabona iveni isihla ngesitalato. Yayinale powusta asandul’ ukuyibona emacaleni. “Inokuba le yiveni yasesekhasini!” ucinge njalo.





“Theoi!” wakhwaza uSheila. “Ndiza kuba yincutshe yemithambo yomzimba emoyeni, kodwa ndifuna ikhostyum yokwenza oko. Incutshe yemithambo yomzimba ayikwazi kwenza imithambo yomzimba emoyeni ngaphandle kwekhostyum efanelekileyo.”


USheila wathi gxididi ngamandla emhlabeni waza wenjenjeya ukuya edolophini. Wonke umntu wamlandela.

“Theoi!” she shouted. “I’m going to be an acrobat, but I need a costume! An acrobat cannot perform without a costume.”

Sheila landed heavily on the ground and headed for town. Everyone followed.

When Theo arrived at Cat Cottage, he knocked on the door and banged on the windows, but there was not a cat to be seen. Then, he heard a strange sound. It was coming from Mr Khumalo’s farm. He rushed over and there was Sheila, Mr Khumalo’s pig, bouncing on a tractor tube. All the cats were watching her, their heads bobbing up and down as she went higher and higher.

Akufika uTheo eKhothejini yeeKati, wankqonkqoza emnyango waza wabetha neefestile, kodwa kwakungekho nenye ikati ebonakalayo. Kanye ngelo xesha, weva ingxolo engaqhelekanga. Yayivela kwifama kaMnumzana uKhumalo. Wakhawuleza waya khona, waza wabona uSheila, ihagu kaMnumzana uKhumalo, etsiba-tsiba kwityhubhu yetetelele. Zonke iikati zazibukele yena, iintloko zazo zinyuka zisihla njengokuba wayetsiba-tsiba nje esenyuka ngokonyuka.



“You mean they wanted to trap us and sell us?” asked someone.

“Yes,” said Theo. “That’s what the poster says.”

The crowd stared at the Brothers Sly and started to move towards them. The Brothers scrambled to their feet.

“Uthetha ukuba bebefuna ukusifaka emgibeni basibambe baze basithengise?” kwabuza omnye.

“Ewe,” watsho uTheo. “Itsho le powusta.”

Loo nginginya yajamela iiBrothers Sly yaze yaqalisa ukusondela ngakubo. Aba bafu baphakama bema ngeenyawo ngokungxama.

“Run!” they screamed at each other. And run they did. They left the van behind and ran as fast as they could, all the way to ... **WHO KNOWS WHERE.**

“Baleka!” bakhwazana. Babaleka ke nyhani. Bayishiya ngasemva loo veni baza babaleka kangangoko banakho, yonke loo ndlela iya ... **NGUBANI OWAZIYO UKUBA PHI.**



“Are they gone? Will they come back?” asked a terrified tortoise.

“Nothing comes back from there,” someone said. “When I lose something, it’s gone. It’s gone to **WHO KNOWS WHERE** and I never find it again.”

“Ingaba bemkile? Baza kubuya?” lwabuza ufudo oloyikayo.

“Akuyi lubuyayo apho,” kwatsho omnye. “Xa ndilahlekelwe yinto, ilahleka umphelo. Iya apho ... **NGUBANI OWAZIYO UKUBA PHI** kwaye andiphindi ndiyifumane kwakhona.”

Get story active!

Here are some activities for you to try. They are based on all the stories in this edition of the Nal'ibali Supplement: *Theo and the circus act* (pages 5, 6, 11 and 12), *Shongololo's shoes* (pages 7 to 10) and *Prince Sugar and Awande, the baker* (page 14).



Yenza ibali linike umdla!

Nantsi eminye imisebenzi onokuyilinga. Isekelwe kuwo onke amabali akolu shicilelo loHlelo lukaNal'ibali: *UTheo nomboniso wesekisi* (amaphepha 5, 6, 11, no12), *Izihlangu zikaShongololo* (amaphepha 7, ukuya kwi10) nelithi *INkosana uSwekile noAwande, umbhaki* (iphepha 15).

Theo and the circus act

A circus is a group of people and animals that travels to different places to put on a show for adults and children who pay to see them. The people perform interesting, difficult or funny activities, such as walking on a rope high above the ground or being a clown. The animals are trained to do tricks, such as walking on their back legs only or jumping through rings of fire.

- ★ Do you think you would like to be a circus performer? What would you like to do?
- ★ Draw a poster inviting people to come and see your circus act.
- ★ Imagine that you are a circus lion that has to jump through rings of fire every day. Write a letter to your pride of lions in the bushveld telling them about your life as a circus lion.



UTheo nomboniso wesekisi

Isekisi liqela labantu nezilwanyana ezihambahamba kwiindawo ezahlukeneyo ukuya kwenza umboniso wabantu abadala nowabantwana abahlawulela ukwubona. Abantu benza imiboniso enomdla, enzima okanye ehlekisayo, efana nokuhamba entanjeni phezulu emoyeni okanye ube ngumhleki wabantu. Izilwanyana ziqeqeshelwe ukwenza izimbo, ezifana nokuhamba ngemilenze yazo yangasemva kuphela okanye ukutsiba zithubeze kwisazinge somlilo.

- ★ Ucinga ukuba ungathanda ukuba ngumdlali wesekisi? Ungathanda ukwenza ntoni?
- ★ Zoba iposta umeme abantu ukuba beze kubona umboniso wakho wesekisi.
- ★ Yiba nomfanekiso ngqondweni wakho uyingonyama yesekisi ekufuneka itsibe ithubeze kwisazinge somlilo yonke imihla. Bhalela iqela lakho leengonyama elikumatyholo ashinyeneyo ileta ulixelela ngobomi bakho njengengonyama yesekisi.

Shongololo's shoes

Shongololo has lost his shoes. He asks the other animals if they can tell him where his shoes might be, but they are not being very helpful!

- ★ As you read the book together, talk about the different ways in which the animals are using Shongololo's shoes. Which of these ways do your children think is the cleverest? Which is the funniest?
- ★ Find all the animals from the story in the picture on pages 14 and 15 of the book. Together decide whether you think Shongololo feels happier now. Did he find all his shoes?
- ★ Let your children create their own imaginative shongololos! Cut a row from a recycled egg tray and then paint the sections different colours to make the shongololo's body and head. Cut some wool into pieces of about 5 cm long to make lots of legs. Use sticky tape to stick the legs on the inside of each section of the painted egg tray. Draw a face for the shongololo.

Izihlangu zikaShongololo

UShongololo ulahle izihlangu zakhe. Ubuza kwezinye izilwanyana ukuba inokuba ziphi izihlangu zakhe, kodwa ezinye izilwanyana aziloncedo kwaphela!

- ★ Ngelixa nifunda incwadi kunye, thethani ngeendlela ezahlukeneyo ezinye izilwanyana ezisebenzisa ngazo izihlangu zikaShongololo. Yeyiphi kwezi ndlela izilwanyana ezisebenzisa ngazo izihlangu zikaShongololo abantwana bakho abacinga ukuba yeyona ndlela ikrelekrele? Yeyiphi eyona ihlekisa kakhulu?
- ★ Fumana zonke izilwanyana ezisebalini kumfanekiso okwiphepha le-14 nele-15 encwadini. Ninonke thathani isigqibo esichazayo ukuba ingaba uShongololo uziva onwabile na ngoku. Ingaba uzifumene izihlangu zakhe?
- ★ Vumela abantwana bakho ukuba bazenzele awabo amasongololo abazingela wona ezingqondweni zabo! Sika umqolo kwitreyo yamaqanda esetyenziswa okutsha upeyinte amacandelo ayo ngemibala eyahlukeneyo ukwenza umzimba nentloko kaShongololo. Sika iwulu ibe ziziqwentshu zesi-5 seesentimitha ubude wenze imilenze emininzi. Sebenzisa itheyiphu encamatelayo ukuncamathelela imilenze kumphakathi wecandelo ngalinye letreyi yamaqanda elipeyintiweyo. Zoba ubuso bukaShongololo.



Prince Sugar and Awande, the baker

- ★ Imagine that you are a prince. Make a list of the things you would do for the people of your village.
- ★ Think of a special cake that you would ask Awande, the baker, to make for you. Write a recipe for your favourite cake and draw a picture of the cake.



INkosana uSwekile noAwande, umbhaki

- ★ Yiba nomfanekiso ngqondweni ngathi uyinkosana. Yenza uluhlu lwezinto obunokuzenzela abantu belali yakho.
- ★ Cinga ngekeyiki ekhethekileyo obungacela uAwande umbhaki ukuba akubhakele yona. Bhala iresiphi yekeyiki oyithanda kakhulu uze uzobe umfanekiso wayo.



Drive your imagination



Prince Sugar and Awande, the baker

Written by Ayanda Hlatshwayo ■ Illustrated by Chantelle and Burgen Thorne

There was once a prince named Sugar. Prince Sugar was named after his love of sweet treats like cakes, biscuits, tarts, doughnuts and puddings. Prince Sugar was so spoilt that he wouldn't share any of his sweet treats with the village children.

"Nobody eats my cakes! Understand, Mary? That is the law!" said Prince Sugar to the royal baker. "The cakes, biscuits and tarts all belong to me and me alone."

One day, a mysterious new baker arrived in the village. She started handing out slices of cake and biscuits to all the children. When Prince Sugar heard about this, he became very angry and sent his guards to arrest the baker and bring her to him.

"How dare you enter my village and start giving out treats to the children. It is against the law!" shouted Prince Sugar angrily.

"Your Highness, I apologise sincerely. Please allow me to fix my mistake by baking for you alone," replied the baker, whose name was Awande. "I will bake you a new treat every day. These treats I bake are very special. You have to eat the whole treat within a day."

"Of course, I'll be able to finish a treat every day!" said the Prince greedily.

"Very well," replied Awande with a smile.

So, every morning, Prince Sugar received a freshly baked treat, which he gobbled up. As the days passed, the treats seemed to be tastier and bigger. Prince Sugar was very happy, and he finished all these delicious cakes, biscuits and tarts without sharing even a tiny piece with the village children.



But as the treats grew bigger and bigger, Prince Sugar found that he could no longer finish them. He had to store them in a secret part of the palace so that Awande wouldn't know that he wasn't finishing a treat every day.

After a few weeks, Prince Sugar had had to store so many treats that no more would fit into the secret place. So, he called his servants and Mary, the royal baker, and ordered them to throw away some of the treats.

"Make sure that Awande doesn't see you doing this," he commanded.

So, the next morning Mary and the servants carried the leftover treats deep into the forest behind the palace. But a mysterious thing happened: that night, while everyone slept, all the treats that had been thrown in the forest reappeared in the palace!

The next morning, Awande, the baker, arrived with a fresh sweet treat and demanded to see Prince Sugar.

"Did you think I would not know if you threw my treats away? Did you not agree to eat the whole treat that I sent by the end of the same day? I warned you in the beginning that my treats were special and that you would have to finish each one," said Awande angrily.

Prince Sugar started to feel a little afraid and his stomach felt a little sick, but he ate and ate until he had finished the leftover treats plus the one that Awande had brought that day.

"I no longer enjoy the treats," said Prince Sugar the next morning when Awande arrived with the treat of the day.

"A promise is a promise, your Highness," said Awande.



The prince looked sad. "What can I do to stop you from baking treats for me every day?" asked Prince Sugar.

"You are called Prince Sugar because you love sweet things. Yet, because of your laws, other children don't know sweetness," replied Awande. "So, you must eat and eat the treats, until the children's mouths are sweet." With that, the baker turned around and walked out of the palace, leaving a big, tasty cake for Prince Sugar to eat.

Prince Sugar thought and thought about what Awande had said but he did not understand. How could the children's mouths be sweet if he was the only one eating Awande's treats? So, the prince went for a walk in the garden where it was quiet. He had to think of a way to stop Awande from bringing sweet treats to him every day.

As he was walking along, a soccer ball flew over the high garden wall and landed in the bushes. Next a scruffy little boy appeared over the wall to fetch the ball. When he saw Prince Sugar, he nearly fell over with fright.

"Your Highness, I am so sorry. I just came to get the ball back," said the terrified boy.

Prince Sugar was so busy thinking of a plan to stop getting sweet treats that he forgot to be angry.

"Before you fetch your ball," he said, "please tell me what would make your mouth sweet."

"Things made with sugar, your Highness," said the little boy shyly. "Cakes and doughnuts and biscuits – all the things we are not allowed to eat."

The little boy looked so sad when he said this that Prince Sugar suddenly felt ashamed. For the first time, he saw how selfish he had been. He had so many treats that he no longer enjoyed them, but the village children had not tasted anything sweet for a very, very long time.

The prince hurried back into the palace and sent for Awande.

"Awande," he said, "I've been selfish and silly. I would like to have a party for the people of the village. Please bake your treats for the children and their parents too. From today, everyone may eat sweet things if they wish to."

Awande smiled. "With pleasure, your Highness!" she said, and she baked the fanciest and most delicious cakes, biscuits and tarts that the village people had even seen or tasted. And they ate and ate until they were satisfied.

The following morning, Awande, the baker, had disappeared without a trace. Prince Sugar continued to hold parties for the people of the village – but now he and Mary did the baking themselves.



INkosana uSwekile noAwande umbhaki

Libali lika-Ayanda Hlatshwayo ■ Imifanekiso izotywe nguChantelle noBurgen Thorne

Kwaye kukho inkosana eyayinegama elinguSwekile. INkosana uSwekile yathiywa elo gama ngenxa yothando lwayo lwezimuncumuncu eziswiti ezifana neekeyiki, iibhisikithi, ikeyiki ezineziqhamo, iidowunathi neepudini. INkosana uSwekile wayetefiswe kangangokuba wayengenakuze abelane nabanye abantwana belali ngezimuncumuncu zakhe.

"Akukho mntu utya ikeyiki zam! Uyaqonda, Mary? Lo ngumthetho!" watsho uNkosana uSwekile ebhekisa kumbhaki wasebhotwe. "Ikeyiki, iibhisikithi, neekeyiki ezineziqhamo zonke zezam ndodwa."

Ngenye imini, umbhaki omtsha ongaziwayo wafika elalini. Waqalisa ukunika bonke abantwana izilayi zekeyiki neebhisikithi. Wathi uNkosana uSwekile akuya ngale nto, wacaphuka kakhulu waza wathumela oonogada bakhe ukuba baye kubamba umbhaki bamzise kuye.

"Ungena njani elalini yam uze uqalise ukunika abantwana izimuncumuncu. Kukuphikisana nomthetho oko!" wangxola ngomsindo uNkosana uSwekile.

"Mhlonipheki, ndixolisa ngokungazenzisiyo. Nceda undivumele ndilungise impazamo yam ngokubhakela wena wedwa," waphendula umbhaki owayenegama elinguAwande. "Ndiza kukubhakela isimuncumuncu esitsha yonke imihla. Ezi zimuncumuncu ndizibhakayo zikhetheke kakhulu. Kufuneka usitye usigqibe ngemini enye."

"Kakade, ndakuba nakho ukusigqiba isimuncumuncu yonke imihla!" yatsho iNkosana ngokurhala.

"Kulungile ke," waphendula uAwande ngoncumo.

Ngoko ke, ngazo zonke iintsasa, uNkosana uSwekile wayefumana isimuncumuncu esilandula kubhakwa, awayesinkwamla ngomzuzu. Ngokuya zidlula iintsuku, izimuncumuncu zaziya ziba nencasa ngakumbi, zinkulu nangaphezulu. UNkosana uSwekile wayonwabe kakhulu, wayezigqiba zonke ikeyiki ezimnandi, iibhisikithi neekeyiki ezineziqhamo engabelani nangesuntswana nabantwana belali.



Kodwa ngokuya izimuncumuncu ziba zikhulu ngokuba zikhulu, uNkosana uSwekile wafumanisa ukuba wayengasakwazi ukuzigqiba. Kwafuneka ukuba azigcine kwindawo esekhusini ebhotwe ukuze uAwande angazi ukuba wayengasasigqibi isimuncumuncu yonke imihla.

Emva kweeveki ezimbalwa, iNkosana uSwekile kwakufuneka egcine izimuncumuncu ezininzi kangangokuba zange zibe sanela kwindawo esekhusini. Ngoko ke wabiza izicaka zakhe noMary, umbhaki wasebhotwe, wabayalela ukuba bazilahle ezinye izimuncumuncu.

"Niqinisekise ukuba uAwande akaniboni nisenza le nto," wayalela.

Ngoko ke, ngentsasa elandelayo, uMary nezicaka bazithwala iintsalela zezimuncumuncu baya kuzilahla phakathi ehlathini elisemva kwebhotwe. Kodwa kwenzeka into engummangaliso: ngobo busuku xa wonke umntu wayelele, zonke izimuncumuncu ezazilahle ehlathini zabonakala kwakhona ebhotwe!

Ngentsasa elandelayo, uAwande, umbhaki, wafika nesimuncumuncu esinencasa esilandula kubhakwa waza wafuna ukubonana neNkosana uSwekile nakanjani.

"Ubucinga ukuba andizukwazi ukuba ulahle izimuncumuncu zam? Wawungazange uvume ukutya sonke isimuncumuncu endisithumeleyo ekupheleni kolo suku lunye? Ndakulumkisa ekuqaleni ukuba izimuncumuncu zam zikhethekile yaye kwakufuneka uzigqibe," watsho uAwande ngomsindo.

UNkosana uSwekile waqalisa ukuziva esoyika kancinci sabe nesisu sakhe sivakala ngathi siyagula kancinci, kodwa watya, watya wada wazigqiba iintsalela zezimuncumuncu ngokunjalo nesi uAwande awayesizisile ngaloo mini.

"Andisazonwabeli izimuncumuncu," watsho uNkosana uSwekile ngosuku olulandelayo akufika uAwande nesimuncumuncu sosuku.

"Isithembiso sisithembiso, Mhlonipheki," watsho uAwande.



INkosana yakhangeleka ilusizi. "Ndingenza ntoni ukukuyekisa ukundibhakela isimuncumuncu yonke imihla?" wabuza uNkosana uSwekile.

"Ubizwa ngokuba unguNkosana uSwekile kuba uthanda izinto eziswiti. Kodwa, ngenxa yemithetho yakho, abanye abantwana abayazi incasa eswiti," waphendula uAwande. Ngoko ke, kufuneka uzitye izimuncumuncu, ide imilomo yabantwana ibe nencasa eswiti." Esakuba etshilo umbhaki, waguquka wahamba waphuma ebhotwe, eshiyela uNkosana ikeyiki enkulu, enencasa ukuba ayitye.

UNkosana uSwekile wacinga wacinga ngento awayeyithethile uAwande kodwa zange ayiqonde. Yayiza kuba nencasa njani imilomo yabantwana ukuba yayinguye kuphela owayesitya izimuncumuncu zikaAwande? Ngoko ke uNkosana uSwekile waya kuhambahamba esityeni apho kwakuthe cwaka. Kwakufuneka acinge ngendlela anokumyeka ngayo uAwande ukumzisa izimuncumuncu eziswiti yonke imihla.

Esahambahamba njalo, ibhola yesoka yaqabela ngaphaya kodonga oluphakamileyo lvesitya yaza yawela ematsholweni. Okulandelayo inkwenkwana emdakana yavela ngaphaya kodonga izokuthatha ibhola. Yathi yakubona uNkosana uSwekile, yaphantsa yawela ngaphakathi kukoyika.

"Mhlonipheki, ndicela uxolo kakhulu. Bendize nje ukuzokuthatha ibhola," yatsho inkwenkwe eyoyikayo.

UNkosana uSwekile wayexakeke kakhulu kukucinga icebo lokuyekisa ukufumana izimuncumuncu ezinencasa wada walibala ukuba nomsindo.

"Phambi kokuba uthathe ibhola yakho," watsho, "nceda undixelele ukuba yintoni enokwenza umlomo wakho ube nencasa eswiti."

"Zizinto ezenziwe ngeswekile, Mhlonipheki," yatsho inkwenkwana ngeentloni.

"Ikeyiki, needowunathi neebhisikithi – zonke izinto esingavumelekanga ukuba sizitye."

Inkwenkwana yakhangaleka ilusizi kakhulu xa ithetha oku kangangokuba uNkosana uSwekile ngesiquphe waziva eneentloni. Okokuqala, wabona indlela awayezicingela yedwa ngayo. Wayenezimuncumuncu ezininzi kangangokuba wayengasazonwabeli, kodwa abantwana belali bengakhange bangcamle nto inencasa eswiti ixesha elide kakhulu.

Inkosana yangxama yabuyela ebhotwe yathumela ukuba kubizwe uAwande.

"Awande," watsho, "Bendisoloko ndizicingela mna ndodwa ndaye ndigeza. Ndingathanda ukuba netheko labantu belali. Nceda ubhakele abantwana izimuncumuncu zakho, ngokunjalo nabazali babo. Ukusukela namhlanje, wonke umntu angazitya izinto eziswiti ukuba uyathanda."

UAwande wancuma. "Nakanjani, Mhlonipheki!" watsho, waza wabhaka ezona keyiki zakha zamnandi, iibhisikithi neekeyiki ezineziqhamo abantu belali abakha bazibona okanye bazingcamla. Baza batya, batya bada bonela.

Ngentsasa elandelayo, uAwande, umbhaki, wayenyamalele kungazeki ukuba waya kutshona phi. UNkosana uSwekile waqhubeka ukuba namatheko abantu belali – kodwa ngoku yena noMary babebhaka ngokwabo.

Nal'ibali fun

Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali



We will be taking a break until the week of 29 July/3 August 2021. Join us then for more Nal'ibali reading magic!

Siza kukhe sithathe ikhefu kude kube yiveki yowama-29 KweyeKhala/ 3 KweyeThupha kowama-2021. Uze usijoyine ngoko ukuze ufumane omnye omninzi ummangaliso wokufunda kaNal'ibali!

1.

Can you match the children and their mothers?
Ungakwazi ukumatanisa abantwana noomama babo?



Hope
UHope



Afrika and Dintle
UAfrika noDintle



Neo and Mbali
UNeo noMbali



Bella
UBella

1.

Under each character's picture, write their favourite colour, snack and place to visit. Choose from the answers in the word cloud.

Phantsi komfanekiso womlinganiswa ngamnye, bhala umbala awuthanda kakhulu, ishwamshwam nendawo athanda ukuyityelela. Khettha kwiimpendulo ezikwilifu lamagama.

Word cloud containing: green, banana, go to the beach, red, ice cream, go to soccer matches, purple, cheese and tomato rolls, go to karate competitions, blue, salt and vinegar chips, go to kite flying competitions.

Word cloud containing: luhlaza, ibhanana, ukuya elwandle, bomvu, iayisikrimu, ukuya kubukela ukhuphiswano lomdlalo webhola ekhatywayo, msobo, iiroli zetshizi nefumato, ukuya kukhuphiswano lwekarati, zuba, iitshipsi zetyuwa neviniga, ukuya kukhuphiswano lokubhabhisa iikhayithi.



.....

.....

.....

.....



.....

.....

.....

.....



.....

.....

.....

.....



.....

.....

.....

.....

Answers: 1 A = Neo and Mbali, B = Hope, C = Bella, D = Afrika and Dintle; 2) Bella = green, banana, go to the beach; Neo = red, ice cream, go to soccer matches; Hope = purple, cheese and tomato rolls, go to karate competitions; Josh = blue, salt and vinegar chips, go to kite flying competitions; Afrika and Dintle = red, ice cream, go to soccer matches; Neo = red, ice cream, go to soccer matches; Bella = luhlaza, ibhanana, ukuya elwandle; UNeo = bomvu, iayisikrimu, ukuya kubukela ukhuphiswano lomdlalo webhola ekhatywayo; UHope = msobo, iiroli zetshizi nefumato, ukuya kukhuphiswano lwekarati; Josh = zuba, iitshipsi zetyuwa neviniga, ukuya kukhuphiswano lokubhabhisa iikhayithi.



Nal'ibali is here to motivate and support you. Contact us in any of these ways:

AbakwaNal'ibali bakhona ukuze bakunike inkuthazo nenkxaso. Qhagamshelana nathi nangayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo:

- www.nalibali.org
- www.nalibali.mobi
- [nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA)
- [@nalibaliSA](https://twitter.com/nalibaliSA)
- [@nalibaliSA](https://www.instagram.com/nalibaliSA)
- info@nalibali.org

Produced by The Nal'ibali Trust. Translation by Sindiswa Mbokodi. Nal'ibali character illustrations by Rico.



Drive your imagination

